IDayosisi yaseSaldanha Bay Umbono Omtsha



A. ***Singabantu beDayosisi yaseSaldanha Bay***

1. Thina, bantu beDayosisi yaseSaldanha Bay,
asikoyiki ukuphupha siwajike loomaphupha ethu asebenze.

2. Khumbula igama lethu lamandulo, *Abantu Bendlela*,
sihamba kwimigama engama 800km, apho sihlala khona,
simanyene kwaye sibazi abamelwane bethu,
nabahlala kwimigama ekude nathi.

3. Sihamba nemihlakulo yethu, iminatha yokuloba, neewayini zethu,
izixhobo zokusebenza, iincwadi ezininzi namabala ekusetyenzwa kuwo:
Sinee Bhayibhile zethu, iincwadi zethu zemithandazo, amaculo ethu,
soloko sikuhambo, hayi abo sele befikile.

4. Sima ngokuzithemba kwisithethe esisulungekileyo se nkcubeko yethu iingcambu zethu ezinzulu nezamanyange ethu ngokwasemoyeni. Kodwa asimanga kwingcinga yezinto zexesha eladlulayo.

5. Sisoloko sibizwa nguThixo wothando osibiza njengamaqabane, usapho,
nabenzi – ukuba bazise kubunye noThixo,
izinto zezulu ehlabathini.

6. Kuba sibiziwe, sisebenzisa ilizwi lethu ekuthabatheni inxaxheba kwesisimemelelo kwelilizwe

Okwethu kukuqhubekeka,sihambisa,
Uthando olaqalwa nguThixo kuthi.

A. *Izifundo zethu zeNggiqo buThixo*

7. Sifumene ilifa lengqiqo buThixo
ejolise kuThixo nothando lukaThixo elizweni
Uthando oluthetha inyaniso eyiyo kwiindawo zethu zasekuhlaleni nakwiimeko.

8. Sibambe iNgqiqo buThixo esidibanisa namabali angcwele –atyhilwe kwizibhalo ezingcwele nasebomini bethu.

9. Sifundisa iNgqiqo buThixo
engenaziqinisekiso ezilula,
ezingathandabuzisiyo
ezingenazithembiso ezingekhoyo,
Kodwa ezingomoya, ezingafihlakalanga,
ezinentelekelelo, ezinokwenzeka
yaye ngokukodwa ezingohambo.

B. *Siyi - Tyalike*

10. Siyi-Tyalike, 'abantu bakaThixo' –
yazo 'zombini necawa ekwaziyo ukuthetha kakuhle ngokungathi ichasene kwaye iyabhida;
asikoyiki ukungena kwinto Engaziwayo –into engekhoyo
iPasika kaThixo
apho kuya kusoloko kuvuka
intsasa entsha.

11. Icawa engazibongiyo ngobunganga bayo, kodwa
evumayo ukuba sizisa into eyodwa elizweni inkqubela yeVangeli

12. Efikelela kuzo zonke iindawo zobomi bethu, ihlaziye ukholo lwethu,
esibizayo ukuba senze ntsha kwaye sivavanye ngeli lixa sifuna ngenjongo abo baxhelekileyo, ababuthathaka nabalahlekileyo;

13. Abaziinkedama nabahlolokazi, abalityelweyo, nabangajongelwanga ntweni,
abangasebenziyo,
abangekho sematheni nabangakholelekiyo,

14. Abangakhathalelwanga nabangathandwayo, Abo ba chwethelwa bucala, abangenamihlaba nabaselubhacweni,
abo bohluthwa ubunini babo yimbali nengcinezelo
abo banamazwi aphelela emoyeni
okanye alahleke kwiingxabano ,
zokuba nezinto okanye ukunyoluka.

15. Icawa ezibandakanya nabantu bezinye iinkolo kunye nabo bangekakholwa;

indawo yokhuseleko kumzila wotshintsho,
icawa ekwaphazamisa
amanzi okuphumla nokwaneliseka;

16. Singabahlali apho
abantu bethu abancinci *nabantwana* bethu
bengelokamva nje lethu, kodwa
besezintliziyweni zethu ngoku!

17. Sibancinci, hayi ngokwasengqondweni
nasemphefumlweni kuphela –
kodwa sibancinci ngokwamanani – ngako oko
siyicawe
apho abancinci bakhulula izihlangu zabo
bazive besekhaya ngokuqgibeleleyo –
apho babonwayo ze baphulaphulwe
kwiindawo zethu ezingcwele nasebunkokhelini
bethu;
Apho bakhokhelwa baze bafundiswe,
bakhuthazwe
ukuba bakhokhele kwimibala nakwizandi
ngokukodwa ezizezabo.

18. Kwaye singabahlali apho
kuxatyiswe khona abadala nabagugileyo;
Apho usapho, amaqela amancinci,
namakhaya axatyiswe njengamakhakha
okukhulisa nokunakekela.

19. Siyirhamente, omama, ootata, abantwana,
amadoda nabafazi, abantwana abafikisayo
nootitshala,
abanyangi, amaqabane omnqamlezo,
abaphathi nabaprofeti,
ubhishophu, abapriste nabadikoni, abadala,
abahlakaniphileyo, iimveku;
nabangakhathaliyo; abo bakholelwa ekubeni
eli lilizwe likaThixo
yaye uThixo uza kwenza zonke izinto zibe
ntsha.

20. Siyakhula ngobude nangobukhulu – sakha
iicawe ezinomphakathi
nomphandle – ezibonakalayo
nezingabonakaliyo;
IiCawa ezanelisayo ngokuphandle;
Iindawo ezingcwele zobuhle;
zabantu bazo zonke iimvaba kunye
nabangenazimvaba.

Okwethu kukuqhubekeka,sihambisa,
Uthando olaqalwa nguThixo kuthi.

C. Ukukhonza kwethu

21. Imimoya yethu nenkolo yethu izaliswe
ngumculo novuyo, olufumaneka kuye wonke
umntu,
luyabonakala yaye luyachukumisa. Luhle.
Lulula. Lutyebile kwaye luthule,
inkolo exhaswayo nexhaswa yimithandazo,

22. izifundo zokukhulisa ubomi bosapho
nelungu ngalinye lecawa.
Sithembele kwaye sinamathele
kwizithethe zethu zamandulo, Isingqi sonqulo
lwethu nemicangcatho yemithandazo yethu
isimanya kuluntu kwilizwe ngokubanzi

D. Ubunkokheli bethu

23. Ubunkokheli bethu bukho kwaye
buyabonakala;
Senza kube lula iindaba eziyinyaniso;
ubunkokheli obudibana nenyaniso yaye
budibanisa abantu -
buthatha ilizwi lomntu ngamnye
njengelilodwa.

24. Ubunkokheli kwizinga lasekuhlaleni,
emakhaya nakumaqela olutsha; kwi-
Atshidikonri nasezivestri,
ezidibana kwaye zimamele injongo
nokusebeza kukaThixo kwindawo nganye
kwisidiliya sakhe
Kwaye kuzo zonke ezi ndawo sibona
ukuzibophelela okukhulu
kuzo zonke iintlobo zokulingana, ngokukodwa
ngokwesini nangobudala.

25. Ngenxa yokuba bonke abakunye nathi
Ingabefundisi bemfihalakalo ezingcwele
neenkokheli zeVangeli
Amadikoni , abaPriste neBhishophu,
Abashumayeli, iikwayala nabancedisayo,
imibutho
amaqela ooMama nooTata,
abantu abajonge iCawa, abagcini cwangco –
wonke umntu uyafuna
ukuba nebango nokwenza umsebenzi
wobunkokheli.

26. , Asiwoyiki umbangazwe wabumini,
sima njengeenkokheli nabalandeli – sime
nabanye
okanye sime sodwa – simele ubulungisa,
uxolelwaniso nenyaniso.

Okwethu kukuqhubekeka,sihambisa,
Uthando olaqalwa nguThixo kuthi.

E. *Impawu zethu*

27. Iintliziyo zethu ziyangcungcutheka kwaye
zibhengeza umanyano olungamandla
lomntwana ka Mariya

28. Sinobuchule, ekuthetheni ngeelwimi
ezaziwayo,
ngolwimi lokumanyanisa, uthando,
noxolelwaniso.

29. Sifumana kwaye sichaze wonke umntu
ngesipho sikaThixo-
izipho ezisoloko zisenziwa ntsha
ngumthandazo nasekujongeni emva,
ngoqeqesho nangokukhulisa.

30. Singabantu beDini lombongo nombulelo,

sizinikezela njengedini eliphilayo elithunyelwa ezweni kusenziwa
umsebenzi wokwenza konke, wokungciba nokuphilisa,
wothando,wokuxolela nokudibanisa.

31. Sifaka izandla zethu, iingqondo zethu neentliziyo zethu emsebenzini,
sisebenzisa ngobulumko, intembeko nembeko,
bonke ubugcisa benzululwazi obusisipho kuthi kule nkulungwane

32. Njengemithi, etyalwe kwimihlaba eyahlukileyo,
siyavuka xa siphethwe ziinkwenkwezi esizibanjelwe nguThixo.
Sibahle kwaye somelele, sikhaliphile. Ibala eliluhlaza
ligqibezela imizwa yethu.

33. Singababelekisi, sisebenza ngqo kwiintlungu nakwimisebenzi yokubelekisa.
Sibandakanyeka kakhulu ekuzaliseni Kwiindawo ezintsha zasekuhlaleni.

F. Ulwimi lwethu

34. Ulwimi lwethu lubandakanya zonke iilwimi yaye alicaluli ngesini,
alunamabinzana entetho acalulayo,
acingiweyo nazalisekisa ngokwasentliziyweni,
olubonakaliswe kwiintetho nakwiinkolo zethu.

35. Sichaza uThixo ngokwemifanekiso nangezifaniso
ezakudala nezangoku –
UThixo azenze zafumaneka kumntu wonke –
uThixo olwimi lwakhe
ilulwimi lomntu wonke.

Okwethu kukuqhubekeka,sihambisa,
Uthando olaqalwa nguThixo kuthi.

G. Imizimba Yethu

36. Sijonga kumntu ngamnye
sibone umfanekiso kaThixo – le mbono idubula yonke imiqobo eyimida yethu. Asiboni mJuda okanye ongenguye, ndoda okanye umfazi,nto ethe ngqo,
Indoda ethandana nenye, bala, isiko elahlulayono ,
ngelixa sithanda yonke into eziswa ngumntu ngamnye.
Xa sibona into eyabonwa nguThixo ekuqaleni kwethu,
yokuba umntu ngamnye uphethe ukulunga kukaThixo –
okufunyanwa kumdongwe
wobomi obukhulu nobuncinci.

37. Kuzalisekiswe ngomoya ophilayo kaThixo,
ngothando emizimbeni yethu,
siyazi kananjalo ukuba ilungu ngalinye lomzimba wethu lixabisekile kwaye liyaziwa nguThixo
owasidalayo ngelixa sasingakwazi ukuthetha singaphakathi ezibelekweni zoomama bethu.
Siyayazi, ngako oko, indalo exabisekileyo yokungathethi
komzimba womnye umntu.

38. Sithembe umntu ngamnye,
ngokwasemzimbeni,
emphefumlweni nasemoyeni, asisayi kubetha ntombazana,
mfazi, nkwenkwe okanye ndoda.

Okwethu kukuqhubekeka,sihambisa,
Uthando olaqalwa nguThixo kuthi.

H. Uvakaliso lwethu

39. sineVangeli, kwaye luvakaliso lwethu kwindawo nganye,
idolophu, ifama, ulwandle nesixeko,kwindawo nganye yasebumelwaneni naselokishini,
kwisimokolo ngasinye nakwivenkile nganye –
yokuba uThixo uluthando yaye ufuna ukwenza indlu yothando kuthi naselizweni lethu.

40. Le yimbono yethu – imbono kaThixo kuthi –
yaye nokwazi ukuba akukho nto sinokuyenza ngaphandle kukaThixo,
sizijulela ntsuku zonke kwiimfefe zikaThixo novuyo lokwazi ukuba uThixo ukhetha ukusebenza nabaqhelekileyo –
abathembakeleyo nabantliziyo zivulekileyo,
abalivayo ilizwi lobizo…

“Yiza”